UMSITHO OMKHULU WOKUSABA KUKA-MARIYA UMAMA WETHU ESABELA E-YIPHUTHA.

INtshayelelo.

U-Mariya uwongwa ngembekokazi yokuba ngu-MKHUSELI OMKHULU we-Dayosisi yethu yase-BHAYI. Ngokuhambisana nenkqubo esemthethweni yesi-KHOKELO SOKWALUSA kwezoNqulo, lo Msitho uye wenziwa ukuba ube nguwona mkhulu kwiTyalike ye-Dayosisi yesithili sethu, kwaye u-bhiyozelwa nge-Cawa yomhla we-4th kweyo-Mqungu, okanye phakathi komhla we-4th nowe 10th kweyo-Mdumba minyaka le.

Lo Msitho usinika ithuba loku-Camngca ngesi Sipho seTyalike yethu kule-Dayosisi yethu:

- Abefundisi nabaDikoni, ooBrother nooSister, namakholwa onke, athe afaka isandla ekwakhiweni nasekuxhaseni i-Tyalike yethu yesithili.
- Sikhumbula abaxhasi bethu, abalapha kule ngingqi yethu nabaphesheya kolwandle abathe ngeemali zabo.
- Sicinge ngemfuneko yokuba abantu bethu balapha kwesi sithili mabasabele ubizo (yenye yeenjongo zethu zokwalusa, ukuba masibe yi-Tyalike ezimeleyo).
- Ubizo oluphenjelelwa nguMoya oyiNgcwele, nolubonakaliswe kwi-Sinodi yase-Afrika nangu-PAPA wethu oNgcwele, lokuba sinqule ngendlela ephuhlileyo ngokwamasiko ethu, kwiiTyalike zesithili sethu.
- Zisenze thina namabandla ethu, ukuba sikhumbule izigidi-ngezigidi zabantu, ezifana kanye nolu Sapho- luNgcwele, ezizimbacu kweli lase-Afrika. Singenza njani, singayisabela njani le ngxaki yabantu abaziimbacu, nale yaba bantu kuleDayosisi yethu abangenazindlu.

Masincede sisebenzisane ukwenza lo Msitho ube lulutho kwiTyalike yesithili sethu.

IDINI LOMSITHO OMKHULU WOKUSABA KUKA-MAMA WETHU ESABELA E-YIPHUTHA.

Ingoma Yokungena: Ingelosi ye-Nkosi yabonakala ku-Yosefu ephupheni, yathi kuye "Vuka umthabathe umntwana nonina usabele e-Yiphutha, uhlale khona apho de ndibuye ndukuxelele, kuba uHerode uzimisele ukumfuna umntwana aze ambulale.

Umthandazo Wokuvula : Owu! Thixo, mandla ethu nethemba lethu, uNyana wakho okuphela komzeleyo, noMsindisi wethu wamkhokelela elukhuselweni, umsindisa kwikrele lika Herode. Siphe ukuba sithi ngokuthethelelwa ngu-Mariya uVirigo oNgcwele kanye sisindiswe kubo bonke ububi, size sikusebenzele ngobulungisa nangongcwaliseko lobomi. Oku sikucela ngeNkosi yethu uYesu Kristu, uNyana wakho, ohleli elawula kunye nawe noMoya oNgcwele, uThixo omnye ngonaphakade kanaphakade. Amen.

ISIFUNDO SOKUQALA: IGENESISI 46:1-7.

IMPENDULO YENDUMISO:
Usindiso lwamalungisa luphuma kuYehova. (Ndum 37:36).

Kholosa ngoYehova, wenze okulungileyo;
Lime ilizwe, ulandelane nokuthembeka .
Ziyolise ngoYehova; wokunika okunqwenelwa yintliziyo yakho.

UYehova uwakhathalele amalungisa; nelifa labo liya kuba ngunaphakade.
Abayi kudana ngexesha lobubi; bayakuhlutha ngemini yendlala.

Suka ebubini wenze okulungileyo wohlala ngonaphakade;
Ngokuba uYehova uthanda okusesikweni.

Usindiso lwamalungisa luphuma kuYehova, uligwiba kubo ngexesha lembandezelo.
UYehova uyawanceda awasindise, awasindise kongendawo, ngokuba azimela ngaye.

ISIFUNDO SESIBINI: EFESE 1:3-14.

ALELUYA: Aleluya; Aleluya. UYosefu wavuka ,wamthabatha umntwana nonina, wemka ngobusuku, waya e-Yiphutha.

ISIFUNDO SEVANGELI: MATEWU: 2 :13-15, 19-23.

IMITHANDAZO YAMAKHOLWA:

Umpriste:
Ngale mini yoMsitho womkhuseli weDayosisi, sizisondeza kuThixo, ngokholo nayo yonke intobeko. Masiyicele iNkosi ukuba iyiphendule imithandazo yethu, esiyenza egameni, nangenxa yeTyalike.

Somandla Thixo ongunaphakade, uMariya uVirigo osikelelweyo, unina ozukileyo woNyana wakho, uyabanceda abakhusele bonke abamcelayo;
Kwanga ngokusithethelela kwakhe singomelezwa elukholweni, sibambelele ethembeni, sizingise eluthandweni lwakhe. NgoKristu iNkosi yethu.

Okanye.

Umpriste:

Bazalwane nodade kuKristu, ngalo Msitho womkhuseli weTyalike yethu yeDayosisi yaseBhayi, masizise phambi koThixo zonke iintswelo neminqweno yethu.

Ofundayo:

1.Sithandazela uBhishophu wethu uMichael Coleman, ukuba uThuixo ngalo lonke ixesha amnike ubabalo, amandla, uthando novelwano athi alubonakalise kwimisebenzi yakhe nje ngenkokheli yethu elukholweni. Nkosi sive.

2.Sithandazela abaPriste, abaDikoni, namakhosikazi abo, ooBrother nooSister, khonukuze baqhubekeke ekusebenzeni kwisiDiliya sikaThixo kule ngingqi yethu.

Nkosi sive.

3.Sithandazela onke amakholwa athabatha inxaxheba kwimisebenzi ngemisebenzi ebandleni, nabo bonke abo baxhasa iTyalike ngeendlela ngeendlela, ukuze oko bakwenzayo kuthwale iziqhamo eziya kuhlala zihleli.

Nkosi sive.

4.Sithandazela bonke abathe basweleka bebesebenzela iTyalike yeDayosisi yethu yaseBhayi. Wanga uThixo angayivuza imisebenzi yabo, abanike uphumlo olungunaphakade ekhaya ezulwini.

Nkosi sive.

5. Sithandazela zonke iimbacu, ezithi nazo njengoMariya uMama wethu zikhangele indawo ekhuselekileyo, zinga zingafumana igwiba elikhuselekileyo phakathi kwethu.

Masithi cwaka sithandaze ngaphakathi kuthi, sicele ezo zinto singenakuzibeka ngomlomo. (*masithi nqumama)*

Nkosi sive.

6. Sicela uMariya umkhuseli wethu, ukuba asikhusele ngemithandazo yakhe, asincede ukuze sikhule ebungcweleni. Ah! Mariya ...

UmPriste: Thixo Somandla, siyakubonga sikubulela ngeTyalike yakho kwiDayosisi yethu. Yiva yonke imithandazo yethu, uze usincede sibheke phambili kwimizamo yethu esiyenza egameni lakho, uze usikhokelele ebukumkanini bakho, ngoKristu iNkosi yethu. Amen.

Ukuthandazela izipho: Bawo onamandla onke, khangela ngobubele ezi zipho, uze ngokusithandazela kukaVirigo oNgcwele, ukhokelele

bonke abantu eluthandweni naseluxolweni lobuKumkani bakho. Oku sikucela ngoKristu iNkosi yethu. Amen.
Ingoma yomthendeleko:

Wahlala apho wada wabhubha uHerode, ukuze kuzaliseke oko iNkosi yakuthethayo ngabaProfethi: "Ndambiza uNyana wam waphuma eYiphutha."

Umthandazo emva kokwamkela : Ah! Nkosi, sizibhiyozele ezi mfihlakalo, sinika imbeko kuMsitho wokusabela kukaMariya, uMama wethu eYiphutha, kwaye usondlile ngoMzimba neGazi loNyana wakho. Sanga thina banika imbeko kwisikhumbuzo sikaMariya uVirigo, singanesabelo ngenye imini, kwisidlo sakho sobomi obungunaphakade. Oku sikucela ngoKristu iNkosi yethu. **Amen.**